"Mpondomise of Qumbo, history
K11/46

1/7

S.200. [1b] ~~AN/2/46~~ T.K.Jubase.

Ibali nentlalo yama Mpondomise.

1. Kuwala ndizakwendza intshoyelelo ngemvelaphi yawo, nokuze afumane eligama lika "Mpondomise" kuba kwa Zulu (Natal) emfolozi apho ayeme kona kuqala kwakusitiwa nga"Bantu"

Kwakona ndizakwenza umlibo wama Mpondomisa ukusuka ku Ntu ukuzakuma kuMzukulwana ka Nkosi uNhlotlo Matiwane ogama lingu Sigidi, ndifaka nezizatu ezahangela inoitakalo yawo ukuze namhlanje abe eme phakathi kwe tina no Mtata.

Nakuba singabantwana besimanu kubaliselwa futhi ngamadoda amadala anje ngo Rafiso Myeki endlu yase kohlo owakulo Gxumisa Meyeki, wafa nge mfazwe ka Hope imantyi ya Qumbu.

2. 1. Sigidi = Unina ngu Mahlanga uMxosa.
2. Charles = " " Mamqoqi Impondo
3. Mhlontlo = " " Madosini Impondomise
4. Matiwane = " " Mandlambe uMxosa.
5. Myeki = " " Madlongoti Impondo.
6. Mngcambi
7. Sontlo
8. Fahlo
9. Ngwanya
10. Majola
11. Qengebe
12. Mte
13. Sube
14. Cira
15. Ngwini
16. Ntose
17. Sikom
18. Njanye
19. Malangane
20. Mpondomise
21. Mse
22. Sibidise
23 Zwide

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

S.200 24. Mbo

25. Luhlanga.

26. Ntu

3. AmaMpondomise aphuma ku Ntu, yena azale uLuhlanga yena azale uMbo, yena zale uZwide yena azale uSibiside, aze yena azale onyana abasixenxe;

Kwindlu enkulu ibe ngu Mse no Swazi
Ekunene " " Zimba no Msutu
e Qadini " " Lufele no Ndebele
eZizindeni " " Zulu

uZulu lo nguyena waboyise bonke kuba onke amabuto asala kuye baza nabantakwabo bayekelana waza waba cita cita uZulu ngeso sizathu.

Ukulwa kwama Zulu nama Mpondomise.

Isizathu sokuqala/so kulwa kwabo kusuke uMse nebutho lakhe waya kuma eLubelu ngase mpumalanga apho waza omyana bakhe: Owendlwenkulu ngu Mpomdomise no Mpondo amawele amabini. eKunene yanga Cwera, no Mpinge no Xesibe. Ke uthe uMpondomise akuba ndala walanda inkomo zakowabo zakwa ninakulu ku Zulu waza uZulu wamnikela zithe xa ziphumileyo ekaya yasuka imbongi yatsho yathi naziya ziyemba "Mazizamnyama bekaphaya-... nanikade nisithi mngamoyisa uMse kanti mija yoyobisa.

4. Yaqala ke neka Mpondomise impi yaguya yathi "Yezakade sesiphuma khona." Yee yaqubisa yalwa kakhulu yabulalana yayiswa eka Mpondomise zadliwa nezonkomo. Kwakhona uZulu wakhupa impi yaya eLubelu, wabulawa apho uMpondomise nenduna zakhe ezimbini uNxuba no Nxasana.

Lasala ke elincinci iwela uMpondo wabamba ebukosini ebambele imyana ka Mpondomise uMalangane waza kuma nalo eMzimkulu eDedesi.

Uthe akuba mdala uMalangana wabufumana ubukosi, waza uyisekazi uMpondo wawa hlula umhlaba owakhe wangasentla. Umda wena ngokungena ko Mtamvuna eMzikulu waya kuphumela kwi Ntabentiswa waya kungena ekudibaneni kwe Tina ne Tsitsa no Mzimvubu, kwathi ngaphesheya yangoka Malangane ukuya

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

kuma ngo Mtata. Wathi u Sikondza unyana ka Nxasana uMntane nkosi lo (Malangane makaufumane naye uMhlaba oselwandle kwavunyelwana. Aqala ke AmaMpondomise azibiza ngegama loba ngama"Mpondomise"

5. Nama Mpondo azibiza ngegama lokuba ngama Mpondo kanti elona gama lawo ngaba "Mbo"

Njengokuba inkomo zazidliwe ngama Zulu, kuthiwa inja ka Nxuba endala yamami kujoja emagxunyeni kwayiwa yi Mpi, yafika kuko izinto ezifana nenkomo kodwa zabaxaka ngalento zinmpondo umbini bengazange bazibone inkomo zimpondo mbini. Kwayiwa eGqireni ezo kwaya kuvunyiswa lathi zinkomo ezo ngiziphiwa ngu Mpondomise no Nxuba no Nxasana, bathi yondlani ngazo abantwana beno, ukuzeke ziphume ezoonkomo bulalani lonja niyitshise apho. Ezaphuma inkomo gusha, bokwe nezinye izinto eziyimfuyo, kwabonakala uba mazi valelwe zingaphumi zide ziphele bomana beya kuthatha xa ezi zithinjwe yimpi. Zaqutywa zagoduka yavakala imbongi ilisela:

"Pondo zankomo zi fana nezenyamazana" Yatsho yonwabile. Kubenjalo ukwahlukana kwethu "Bantu" intsizwa zakwa Tshaka zabulawa ngu Myeki no Faku kulentaba kut iwa "Yintabe Ntsizwa"

6. <u>Apho zafela khona uNkosi zama Mpondomise.</u>

uMalangane nonyana wakhe uNjanye, no Sikom bafela eMzinkulu. uNtose ufele eMzimvubu no Ngwini. uCira ufele eLotaana ngeneno kuka Cingco uSabe eMzimkulu, no Mte, Qwen ebe eMjilana. uSontlo ufele e Mzivubu uMngcambi ufele eGungululu eyo kulamla ama Ngaxabani esilwa odwa uBodi no Ncokazi wabulawa yimpi ka Ncokazi ukuze imke nje lompi ka Ncokazi iye pheshey a ko Mtata. uMyeki ufele kwa Gqika ebukweni bakhe ngenza yokuxabana konyana bakhe uNotshweleka no Mtiwane woMtata wabulawa nga Maqwati ka ngamjele. Kwasala Umninawe wakhe uMbali elibamba lika Mhlotlo, wafela eMzimvubu, uMhlontlo yena ufela eTsitsa e Sapompolo phezu kwe Gqukunqa. Unyana wake uCharles ufele e Sulenkana eSangqu.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

Inzala ka Myeki. (Ngonyana abakhulu endiza kubabiza).

uMyeki kwindlu enkulu uzele u:-

1. Matiwane yena wazala uMhlontlo.
2. Mbali yena wazala uMhlontlo Mtengisi
3. Jubase yena wazala uNdevu
4. Damane yena zala uSipodo
5. Mcelu yena wazala uTakane
6. Mtshotsho yena wazala uMgqongeli Sitenge
7. Manqu yena wazala uMgqon eli

Kwindlu yase kohlwa ka Myeki bafa bonke. Kwindlu yomdaka ngu Notshweleka no Xaki. eQadini ngu kube no Mazubukwana no Mtangayi.

Izibongo zika Myeki Mngcambi.

Nongo nongo ke ungqingqi ka Bokoto, umjanyelwa zinkunze zimbini; ukuba inye ngeyisusa zona ngokumhlanga nyela ufumba ka Tshopeni. Inkomo ehlope kwezinye ngu ngulangula ngutumba lisedolweni ngusoFofotela, ngubulala eseqingeni ngumba xa kalitye kuJama ka Loleka.

uNkosi Matiwane yena ufe engeka bongwa kuba ube senoyise uMyeki. Kuba ukudala ibi ngabongwa inkosi ise noyise, kuba bangalwa naalo ke isiko lama Mpondomise lemvelo.
Nempi xa iyakulwa ipatwa itetwe nguyise. Ngaxalimbi inkosi iti xa ilwayo impi yayo ihlale eqoqweni iti yakoyiswa eyoyo ikwaze elusatsheni iti wanyatelwa kwowu Ludume neenkomo.
Iti uba luyoyisa "H lu, hulu, wahlba ngolwenene itsho inqule.

8. Izibongo zika Mhlontlo Matiwane.

Hawu! Lawu, naso isibekebu esi Mpondo zisibebelele sakulo yokazi asindibekanga sindiflatele nditi ngu Manganisa oka Betwa entwana ezombeta yazotela tyala nditi ngu Nonkwenkwezi abanye babali nkomo ngumvambo wevuzi ase Ngqubusini ngu Qatshwayo ngu Maqanda ozingwe nozingonyama awewela emjadwini esiya ezika kwaze kwa Dula intlola zakwa Baca zapapateka kwadula uFulepu beno menemene impi ka pulatyi ulalemntwini ulapalihashi uku qonondinaba liyakwa mazindaba ukuze

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

S.200 sizibonizibunu zomka Galeka zimilelemhlana lomkosi we xaba nawawu nqandwa yinina nangamanduna kowabo ngupheshe beno nyakatya Lukosi olumapiko angqangqasholo lak owetu lwaxwila ibokwe layidlela phezulu yazayabonwamntu ngu Mpundzo wakwa Ndlovu ngu Ndlovenkulu eyazalizidengana, ngu Qaba kaQotshi washiywa ngu mzi welanga ihashi elipata kukapa lidlokova elingewani nentambo nanga Maqakamba.

8.9 Izibongo zikankosi Charles Matiwane.

He! He! Ntlizuyombi, ntliziyombi wawazila Mamfengu uzondla nisina wena aphizisulu zikona zise Mamfengwini omiqatane no Mashukela. Iramnco elizamazinyo azinqindi alabetwa zintombi zakwa Dunjane zisithi uralibe enkundleni kwa Ngqakumbana Ingqukuvakazi ewasakazi yakulo kazeka eyanyatela iintulo zakamisa zanga zite zinyatelwe likhulu lamadoda kanti zinyatelwe ngabantu babini uJosepg no Ntombongwana. Awu abantu bakuti abahlupekayo batengu mbalo nge ponti eneshumi ngoratya uNgqalibanzana no Njomboyi oka Mtshiki no Ndevu oka Mhlontlo noka Jubase. Hawu libayi lendaliso ndapantse ndahlupeka nditeng amayeza kanti likoniqonuo elinamandla yesheleni osalibonela ku Makumsha.

9.10 Izibongo zebamba elikhoyo ngoku:

Isaac Matiwane.

Umangxata angxabalazile angxatele: Qangqu ne Qotira kwamlungela wawafakanatshazi akufanela umntane nkosi ongalo zinde zinganga zika Gxewutshe beno Ngqika amaduna kowabo. Heyinina nihambayo nibobanina khange niwubonamtana olujingijingana ohlele ntlakwendlu zama Bhele. Kwa Samuel Umnqonqozi welityе eliggena ntunja lada lavela intunja ilityе okowabo uMnqini no Rafiso. He! Ndithi ngu ngqongwa yisilika ngu satshotshobala isifebe sade sapelimpundu ngubongo lenyumba lisembonini kuba kadliwa bantwana nguzamisa nge ngqondo kumqa wasemlungwini wamaphini ehleli kuna bamnyama okafile bayile bayiswelindawo yokuhlala ngu Bayele nhlana kuselwayo ngu molo mambana mhla anendlala ngu gxeleshigxabeka ngu Sanani akoni mntu.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

Impi ka Mhlontlo no Ndamase

Kudala akuzange kubekho mpi phakathi kwa Mampondomise nama Mpondo. Bekuthi kwabako isipitipiti ikalinywe ingandwe lonke. U Myeki no Daku baka balamla ingxabano ejayi phakathi ko Mqikela no Ndamase bake silwa nge bubesi elalibulewe ngu Dalanjwa induna ka Ndamase wasuka u Mqikela walihluta waza ke u Ndamase waya kulonina kwa Myeki ehamba nempana neje. U Myeki wa-mongeza umtshana wakhe enje impi wampha no nhlaba wase Nyandeni kasenzelwa uba bangengenisi umkhonto ekhaya. Kwakona kwafika i Bhulu elali hamba nama Mfengu lisuka e Ngqotsini lafa ku Ndamase walipha umhlaba ehyara ngama lalo lalingu Harisi. Usukile kwakona waji kuma i Ngcolosa nalapho wesuka waya e Mbizana kwasala induna yakhe u Qakaza ke yengumntu ka Ndamase. Ke bale bakusala bodwa beba inkomo zempi ka Mhlontlo ese Lotana ule u Mhlontlo akutumela esosikhalo ku Ndamase wapendula ngelithi :—

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

200

Sinani esaphuselwa singu mhlontlo sithuka bantu baka Daku iti ngemfengu. Akuwa esisithuko u mhlontlo ulunele impi yakhe yakudla u Ngoni impondo elalinenkomo ezenzi. Kwaba njalo ke ukugaleka ko mkonto ku Mampondo nama Mpondomise. Impi yokugala yaku Cingco yawo yisa a Mampondo kwafa into enenzi yawo. Kwa pinda nge yase Lolana oyiswa kwakona. Amampondo anema u Mdtshwa wase Mampondomiseni ngempi yana (zubuko) kuba lomini u Mhlontlo wesuswa emazibukweni. Wapinda u Mdamase wakupha impi ekutwa ngu Bukazi eyi Nyanda ka Mdamase komdibaniso ka Mdtshwa nama (konjwayo. Atabanga safunza u Mhlontlo ngenye yobuninzi balompi waya kumema a Behungu imantyi egemelingu Olobhele wayibeka ekxa ku Tsolo weza ngolohlobo umutugu afka e Mampondomiseni.

End. 5.200

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017